Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2018**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.**

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**ICANDELO A: INOVELI**

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

**ISICATSHULWA A**

1.1 1.1.1 Kungokuba unenkolelo yokuba ezi zinto ibingezozikaLungile kungoko zimele ukubuyela kumninizo.√√ (2)

1.1.2 Kungokuba uLungile wayithenga kuMosia ngokusemthethweni ivenkile.√√ (2)

1.1.3 (a) Sisihlonipho.√ (1)

(b) Yeyokuba abulawe uMpumelelo.√√ (2)

1.1.4 Awuzange uphumelele kuba uMpumelelo wafunda waphumelela ebomini wada wazisebenzela njengogqirha ophume izandla.√√ (2)

1.1.5 Ekuswelekeni kukaLungile noNomakwezi abebabona njengemiqobo ekufumaneni ivenkile athi ililungelo lakhe noNtongana.√√ (2)

1.1.6 (a) (ii) √/(ii) UNtongana√/UNtongana.√
(b) (iv) √/(iv) UMpumelelo√/UMpumelelo.√
(c) (i) √/(i) UNomakhwezi√/UNomakhwezi.√ (3)

1.1.7 Ngokuthi uMpumelelo atsibe ngaphaya kwemiqobo engamayelenqe ibimnika ubomi obunamahla-ndinyuka aphumelele√√/wenza ukuba kubekho isizathu sokuba uNozililo aqulunqe amayelenqe ngamayelenqe efuna uMpumelelo angaphumeleli√√/uqaqambise icala elibi likaNozililo kwatsho kwanda imiqobo athe wayiqabela uMpumelelo.√√ (2)

1.1.8 UMpumelelo uphele ephambana ngexesha asesikolweni.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 NguThamsanqa.√ (1)

1.2.2 Kungokuba kwenziwe amatheko empumelelo yakhe√/ivenkile yakhe iqhubela phambili phantsi kweliso likaThamsanqa√/uNozililo ulahlwe lityala nto leyo ibangele ukuba ibeyeyakhe ngokungathandabuzekiyo ivenkile kuphele uxambuliswano.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.3 Bendiya kumwisela isigwebo seminyaka ethothoza entolongweni√√/bendiya kumgwebela ukusebenzela isizwe ngokuthi ahambe efundisa abantu ngobungozi bokuzifaka kwizenzo zobugewu kuba ukhuthaze izenzo zobugewu xa ade abathengele ababulali.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2.4 Yinkohlakalo√/bubumenemene√/ubugewu√/ukunyolukela izinto ezingezozakho.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.5 Yeyokuba igqwetha laxoxa laxhapha amagwebu lixoxela into engekhoyo.√√ (2)

ÉcoleBooks

1.2.6 Babunganyanisekanga kuba uNozililo wayemenzela amayelenqe uNomakhwezi, emchithela umzi wakhe√√/wayezisondeza ngenjongo yokumenzakalisa kuba wayegxeleshe ukufumana ivenkile yakwaNtsibande. √√ (2)

1.2.7 (a) Ukuba nevenkile kwabakwaNtsibande bengabantu abaNtsundu. √/Kukubakho kweencwadi zemvumelwano xa kuthengiselwana ivenkile√/ubukho bamagqwetha okumela abantu ezinkundleni√/amatyala achotshelwa ziijaji√/ukwenziwa kwemidaniso.√/ukugcwala kwevenkile ngexesha leKrisimesi√/amagqwetha√/iintolongo√/ iimantyi√/ijaji.√ (1)

[Nayiphi enye kwezi.]

(b) Ngokuthi kubekho amagqwetha awasebenzisileyo ukuba amele ubuxoki bakhe kwiinkundla zamatyala de aliphumelele ityala nangona ebefanele ukuba uyabanjwa.√√ (2)

1.2.8 Isihloko sale noveli esithi *Kusa Kusihlwa* sithetha ukuba iimeko zobomi ziyaguquguquka kubamnyama kuphinde kukhanye√, nakuMpumelelo bekukhe kwamnyama akuswelekelwa ngabazali bakhe kodwa kwabuye kwakhanya akuphumelela emfundweni nakwezoshishino.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Kungokuba ubuphakuphaku bakhe bungenza uHlobo angalufumani lula ulwazi alufunayo √√/kuba uthetha apa athethe phaya. √√ (2)

2.1.2 Kungokuba le nkosikazi yayizenzisa igquka umkhondo wetyala lokufa kukaEddie kuba ayinguye umakazi kaEddie√√/ nguThembisa ophile qete koko uyazenzisa kuba egquka umkhondo wetyala lokufa kukaEddie.√√ (2)

2.1.3 (a) Sisifaniso.√ (1)

(b) Yokufana kwakhe nomntu okwimeko embi yokuhlupheka.√√ (2)

2.1.4 Alizange liphumelele kuba kwafumaneka ukuba ungomnye wababulali bakaEddie.√√ (2)

2.1.5 Ekufikeni kwalo nkosikazi kwisikhululo samapolisa√√/kuphando lwesihelegu sokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma kwingozi yemoto.√√ (2)

EcoleBooks

2.1.6 (a) (ii)√/(ii) UMaMkhey√/UMaMkhey.√
(b) (iv) √/(iv) UDuma√/UDuma.√
(c) (i) √/(i) ULinda√/ULinda.√ (3)

2.1.7 Ngokuthi uThembisa obezenza umntu ophungulekileyo ekugqibeleni avele ukuba uphilile ekwangomnye wababulali bakaEddie.√√ (2)

2.1.8 Emva kweenyanga ezintathu waphela ebhubha uEddie.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 NguThemba Mdoda.√/Themba√/Mdoda (1)

2.2.2 Sesokunika ulonwabo ebantwini.√
Sesokwenza indawo apho abantu banokuhlaziya iingqondo zabo ngexesha labo lokuphumla.√ (2)

2.2.3 Bendiya kuwawisela isigwebo seminyaka ethothoza entolongweni√√/bendiya kuwagwebela ukusebenzela isizwe ngokuthi ahambe efundisa abantu ngobungozi bokuzifaka kwizenzo zobugewu kuba atshabalisa isizwe ngenxa yokunyolukela imali.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.2.4 Ubuthandazwe√/ukunyaniseka√/ukubanomqolo√/ubukhalipha√/ ubukrelekrele.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.2.5 Yokutyhudisa kwabantu bafumane utywala ngendlela engekho mthethweni.√√ (2)

2.2.6 Babunganyanisekanga kuba ngala malungu aye amjikela ambulala.√√ (2)

2.2.7 (a) Sesokuvunyelwa kwabantu abaNtsundu ukuzithengela utywala√/esokuthengiswa kwentsangu√/sesobukho bombutho wokonwabisa abantu.√

[Nasiphi kwezi.] (1)

(b) Simenze wavelela kwabanye ngobuthandazwe nokumela kwakhe inyaniso ngokuthi ale ukuthengiswa kwentsangu eMoonglow Night Club.√√ (2)

2.2.8 Isihloko sale noveli sithi *Umqol' Uphandle* sithetha ukuba ungacinga ukuba akubonwa xa usenza izenzo ezibi emfihlakalweni kanti uyabonwa√ namalungu ase*Moonglow* athi elenza iyelenqe lokubulala uEddie wabe sele ebalungiselele ukuba babhaqwe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(3)
**[35]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Kungokuba waswelekelwa ngunina owayehlala kwaThandabantu kwangalaa mini wayezalwa ngayo.√√ (2)

3.1.2 Kungokuba yeyona ndawo awayeyibona imfanele kuba wayembona njengesicaka.√√ (2)

3.1.3 (a) Sisibaxo√/lubabazo√/lugqithiso.√ (1)

(b) Wayemngxolisa ngendlela engathandekiyo/ engamkelekanga.√√ (2)

3.1.4 Zange aphumelele kuba baba ngamanxila√√/bashiya isiskolo nekhaya. √√ (2)

3.1.5 Ekubeni ivenkile kaThandabantu iqeshiselwe umlungu.√√ (2)

3.1.6 (a) (ii)√/(ii) USamkelo Zangone√/USamkelo Zangone√
(b) (iv) √/(iv) UMamTolo√/UMamTolo√
(c) (i)√/ (i) UThandabantu √/UThandabantu√ (3)

3.1.7 Ngokuthi uMonwabisi obenyamezele impatheko-mbi kaMamTolo omelele ade anikwe uxanduva lokujonga amashishini kaThandabantu awaphathe ngempumelelo.√√ (2)

3.1.8 Ekugqibeleni ibenguMonwabisi ovusa amashishini kaThandabantu sele ewile√√/amava awafumeneyo ngokusoloko esevenkileni enze ukuba kubelula kuye ukuvusa nokuphatha amashishini kaThandabantu√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 NguGcinumzi.√ (1)

3.2.2 Sesokuba akwazi ukuyiqwalasela ngokwakhe yonke imicimbi yeshishini lakhe ukuze angaphindi alahlekelwe√/ sesokuzikhwebula eluntwini ngenxa yengqumbo yokuswelekelwa ngunyana wakhe.√ (2)

3.2.3 Ngokuthi ndijonge umntu onomdla nonolwazi kwezoshishino kuba amashishini kaThandabantu ayetshona efuna umntu onezimpawu ukuze avuke.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

3.2.4 Imfesane√/ubuntu√/ububele√/ukubanenkqubela-phambili√/ ukukhuthala√/ukunyaniseka√/ulwazi. √

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.2.5 Isakhiwo sevenkile sasikwimeko engentlanga de ibe ngathi ayisasetyenziswa.√√ (2)

3.2.6 Yayinganyanisekanga kuba wathi akufikelwa ziingxaki bancedisa ekumtshabalaliseni ngokuthi bambele impahla yevenkile.√√ (2)

3.2.7 (a) Sesobukho babantu abaNtsundu abanjengoThandabantu abanevenkile.√/kuthethwa ngobukho bamabala okudlalela ibhola. √ (1)

(b) Ngokuthi simveze njengomntu onobuntu ngokuba athi nangona engumntu onezinto zakhe afikeleleke ebantwini, akwazi ukubanceda.√√ (2)

3.2.8 Isihloko sale noveli sithi *UMonwabisi* gama elo lithetha umntu ozisa ulonwabo ebomini babanye abantu√, noMonwabisi uzise ulonwabo emzini kaThandabantu ngokumvusela amashishini nokuqokelela usapho wakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Kungokuba uyamthoboza ufuna asamkele isicelo sakhe asizeleyo.√√/ufuna ukumsebenzisa kwiyelenqe lokuziphidezela kuLoni. √√ (2)

4.1.2 Kungokuba ifenitshala kwaFuneka yathengwa ngemali kaNdila.√√ (2)

4.1.3 (a) Sisibaxo.√/ lubabazo√/lugqithiso. √ (1)

(b) Kukumbhangisa ngokumenza aphulukane nezinto anazo.√√ (2)

4.1.4 Yaphumelela kuba uFuneka walenza icebo lokufaka uMawonga kumgibe wotywala ngokumdibanisa noZanele athandane naye.√√ (2)

4.1.5 Isukela ekubeni uNdila egxothwe emsebenzini.√√ (2)

4.1.6 (a) (ii) √/(ii) UZanele√/UZanele.√
(b) (iv) √/(iv) UMaziko√/UMaziko.√
(c) (i) √/(i) UJerry √/UJerry.√ (3)

EcoleBooks

4.1.7 Ngokuthi uNdila asebenzise uthando lwakhe noFuneka ukufezekisa injongo yakhe yokuziphindezela kuMawonga.√√ (2)

4.1.8 UMawonga waphela elinxila eliphelelwa ngumsebenzi, elingenayo nemali ityiwe nguZanele noFuneka.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 NguZanele.√ (1)

4.2.2 Sesokuba uNdila uthe nqa uLoni sele engene waphelela etywaleni ekubeni wayengabufuni.√
Sesokuba uLoni akhumbule ukuba la ngamazwi ayethethwe nguye ewabhekisa kuNdila embona njengomntu ongenakukwazi ukuzikhupha etywaleni.√ (2)

4.2.3 Bendiya kumwisela isigwebo seminyaka ethothoza entolongweni√√/bendiya kumgwebela ukusebenzela isizwe ngokuthi ahambe efundisa abantu ngobungozi bokuzifaka etywaleni kuba elicebile iyelenqe eliphele limkhokelela ekufeni uLoni.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.2.4 Ukhohlakele√ ungumphixanisi√/ungcolile.√/ungumphembi wamayelenqe√/yinyoka√/uthanda izikhundla (2)

[Nasiphi isibini kwezi.]

4.2.5 Yeyomntu ongenakukwazi ukuzinceda ngokwakhe kwingxaki akuyo.√√/yokuba uMawonga akanakubasakwazi ukubuyeka utywala. (2)

4.2.6 Lwalunganyanisekanga kuba uthe uLoni akuphelelwa ngumsebenzi wamlahla.√√ (2)

4.2.7 (a) Sesokuba abanye babantu abalapha bafundile√/konwatywa ngotywala besilungu√/abantu bathandana ngokuphandle betshatile.√ (1)

(b) Simvumele ukuba enze ukungcola bokudibanisa uLoni noZanele ngeenjongo zokuncedisa uNdila kwimpindezelo yakhe kuLoni.√√ (2)

4.2.8 Yeyokuba isihloko sale noveli sithi *Ndiyekeni* mazwi lawo athethwa ngumntu ongazimiselanga kubuya ngamva osele ezincamile√, noMawonga usebenzisa la magama xa acetyiswa ngunina nomnakwabo ukuba abuyise unyawo ekunxileni nakwimpilo yokuzitshabalalisa de wagqibela ngokuzibulala.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Uzokulanda ikhomishini yakhe yokuzisa uDina kuNyoka.√√/ufunaukuva nokuba uNyoka waneliskekile na nguDina√√ (2)

5.1.2 Kungokuba uThambolenyoka wayemqhatha uNoyongo kuba nguThambolenyoka owayezuza kakhulu ngalo mkhuba bawenzayo√√/kungokuba uThambolenyoka waqala wamqhatha noNoyongo ngolu hlobo noDina aqhathwe ngalo ukumfaka kumgibe wokuthengisa ngomzimba nokuxhatshazwa ngesondo.√√ (2)

5.1.3 (a) Sisibaxo√/lubabazo/lugqithiso√ (1)

(b) Kukuba uyintombi engekonakaliswa.√√ (2)

5.1.4 Yaphumelela kuba uThambolenyoka wabanjwa.√√ (2)

5.1.5 Isukela ekubeni uDina ude wahlala kwaThambolenyoka ngeenzame zikaNoyongo.√√ (2)

5.1.6 (a) (ii)√/(ii) UDina√/UDina√
(b) (iv)√/(iv)UNoyongo√/uNoyongo√
(c) (i)√/(i) UGxalaba √/uGxalaba√ (3)

5.1.7 Ngokuthi ooNoyongo abebexhatshazwa nguThambolenyoka ebathengisisa imizimba bengabantwana, bakukhula baqhubeke bemncedisa ekwenzeni obo bubi kwabanye abantwana ngeenjongo zokuba nabo bazuze imali.√√ (2)

5.1.8 UThambolenyoka uthe akuba egqibile ukumxhaphaza wazimisela ukuba akhuho nto aya kuphinda ayenze naye ekhusisni√√uThambolenyoka waphela emgxtha akufumaisa ukuba ukhulelwe nangona inguye obemxhaphaza ngokwesondo.√√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 NguDina.√ (1)

5.2.2 Sesokuthomalalisa uNyoka ukuze amkele icebiso lakhe.√ Sesokuba uNyoka athathele ingqalelo izisongelo zikaKuku ambona eyingozi kubo.√ (2)

5.2.3 Bendiya kumwisela isigwebo seminyaka ethothoza entolongweni√√/bendiya kumgwebela ukusebenzela isizwe ngokuthi ahambe elumkisa abantwana ngobungozi bokuhendwa ngabantu abadala bebaloba ngemali kuba utshabalalise ikamva labantwana ngenxa yokunyolukela imali.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2.4 Ukunyolukela imali√/ukungcola√/ukungabi nanyani√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.5 Eyomntu okhupha iintetho ezigrogrisayo ezibhekisa komnye.√√ (2)

5.2.6 Yayinganyanisekanga kuba uNoyongo waxhatshazwa nguThambolenyoka akugqiba wamlahla nto nje into ebadibanisayo kukuxhaphaza abantwana ngeenjongo zokuzuza imali.√√/uNoyongo uye wamjikela uNyoka wanika ubungqina enkundleni obuncedise ukuba afumananiseke enetyala. √√ (2)

5.2.7 (a) Sesokuba uNyoka ungumntu omnyama oqeshe abanye abantu kwishishini lakhe√/Siva ukuba kukwakho neesetyhurithi ezigade ucwangco kwishishini lakhe√/ kuthethwa ngamapolisa.√/ubukho behotele√/ukubizwa kukaThambolenyoka ‘mlungu’ kuba engumqeshi wabo. √ (1)

(b) Ngokuthi sidandalazise ukungcola nokunyolukela kwakhe imali okuvela xa aloba amantombazana awaxhaphaze ngokwesondo, awathengisise imizimba kuba efuna ubutyebi.√√ (2)

5.2.8 Yeyokuba isihloko sale noveli sithi *Inzala YamaRhamba* ntetho leyo ichaza abantu abanobungozi obubangelwe ngabanye abantu√, noThambolenyoka igama lakhe liyazalana nesihloko kuba ubunyoka bakhe buvela kubungozi anabo abufaka nakubasebenzi bakhe abenzisa imikhuba yakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

### 6.1 ISICATSHULWA K: 'UMNTU AKALAHLWA' – LL Ngewu

6.1.1 Kungokuba wayecinga ngokuba ziza kwenda afumane iinkomo.√√ (2)

6.1.2 Kungokuba uMathidala wayeligqolo elalingazimiselanga kuthengisa zinkomo awayekwenza kukubambisa ngenkomo aboleke imali aze athi loo mali iya kuhlawulwa ngumntwana lowo akuphangela kubuye inkomo yakhe.√√ (2)

6.1.3 (a) Sisibaxo√/lubabazo√/lugqithiso√ (1)

(b) Ukumbuza imibuzo emininzi umntu ngeenjongo zokufuna inyani.√√ (2)

6.1.4 Awuzange uphumelele kuba zange zende zasuka zakhulelwa.√√ (2)

6.1.5 Ekugxothweni kwazo nguyise bakuba bekhulelwe.√√ (2)

6.1.6 (a) (ii)√/(ii) UMathidala√/UMathidala√
(b) (iv)√/(iv)UTyhobeka√/uTyhobeka√
(c) (i)√/(i) UNomtha√/uNomtha√ (3)

6.1.7 Ngokuthi iintombi zikaMathidala zithi zakube zigxothiwe nguyise kokwazo, zingaze ziphinde zibenobudlelwane obuhle naye sele zigodukile.√√ (2)

6.1.8 UMathidala waphela ezigxotha iintombi zakhe zakukhulelwa kuba ephelelwe lithemba lokuba zingenda.√√ (2)

**KUNYE**

6.2 **ISICATSHULWA L: 'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI'**

6.2.1 NguMaqhazolo.√ (1)

6.2.2 Sesokuba izikrelemnqa zazifika zizithathele loo nto ziyifunayo engekho wona.√
Sesokuba ayengazimiselanga kulwa nezikrelemnqa.√ (2)

6.2.3 Bendiya kukhathazeka kakhulu xa sele senzakele kuba njengomzali andinqweneli ukuba sibhubhe koko ndinqwenela siguquke kwiindlela zaso ezimbi.√√bendiya kuvuya kuba akabhuhanga uya kutsho afunde isifundo sokuhlonipha izinto zabantu√√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

6.2.4 Ubugewu√/inkohlakalo√/ukungathembeki√/ubutshivela√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.2.5 Yeyokuzama ukumbonisa umntu ukuba ahlukane nokwenza okuthile.√√ (2)

6.2.6 Babenganyanisekanga kuba sathi sakufunyanwa sabethwa senzakala ngamadoda aseDikeni abahlobo baso babaleka basishiya apho basindisa iziqu zabo√√ (2)

6.2.7 (a) Sesobukho besibhedlele.√ (1)

(b) Ngokuthi sifumane uncedo esibhedlele singasweleki njengokuba sasenzakele ze emva koko siguquke side sinqwenele nokuguqula nezinye izikrelemnqa.√√ (2)

6.2.8 Isihloko sebali sithi 'Izibhovubhovu zaseBhayi' nkcazo leyo ebhekisa kubantu abenza izenzo zobundlobongela nokungabi nalusini√, naba balinganiswa bazizibhovubhovu bebengena ngenkani emizini yamadoda aseDikeni ngeenjongo zokwenza ubukrelemnqa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**ICANDELO D: ISIHOBE**

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

7.1 **'LALA NJALO KE MADIB'OMKHULU' – T Yawa**

7.1.1 Uwil' umth'omkhulu.√ (1)

7.1.2 (a) Sisifaniso.√ (1)

(b) Iindaba zokubhubha kukaMadiba zothusa abantu bonke ehlabathini.√√ (2)

7.1.3 '… liphupha kusini na.√ (1)

7.1.4 Waziswa ngeminxeba√ namaphephandaba.√ (2)

7.1.5 (a) (iii) Busondin' obuvath' uncum' oluncamis' umxhelo√/(iii) √/ Busondin' obuvath' uncum' oluncamis' umxhelo.√

(b) (i)/Kazi sosela phi na laphukele nje iphiko lamanzi√/(i) √/ Kazi sosela phi na laphukele nje iphiko lamanzi?√ (2)

7.1.6 Kuvezwa ukuba kulila neentsana ngokubhubha kwakhe.√√ (2)

ÉcoleBooks

7.1.7 Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)

Isithomo eside somntu oveleleyo ogxanyayo xa ehamba.√√ (2)

7.1.8 Ngowokuba ibiqala ukubakho inkokeli enjengaye kwaye ayinakuze ibekho nanini na enokuba njengaye.√√ (2)

7.1.9 Yeyokuba kubalulekile ukuthi xa ungumntu ubenemisebenzi emihle eyakha isizwe oya kukhunjulwa ngayo neyakufundisa nabanye abantu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.2 **'INTAMBANANE' – Z Mtumane**

7.2.1 Uyayincoma.√ (1)

7.2.2 Yimvano-siqalo.√ (1)

7.2.3 Ngowendlela ebhabha ngayo le ntaka isenza izimbo ezinomtsalane ebantwini. (2)

7.2.4 Kukudala uyondelelwano√/ubungoma√/kukwenza umbongo uvakale kamnandi. √ (1)

7.2.5 Kukuma ndawonye esibhakabhakeni.√√ (2)

7.2.6 Yeyento engaqhelekanga eyothusayo.√√ (2)

7.2.7 Ukuba inomtsalane obangela ukuba abantu bayivuyele.√√ (2)

7.2.8 Kungokuba ayoyikwa ngobubi benkangeleko koko bububi besenzo sayo sokutya amantshontsho.√√ (2)

7.2.9 Kwisitanza sokugqibela imbongi ikhathazekile kuba isebenzisa isigama esibonisa ububi bezenzo zentambanane anjengala 'ukwambi, ziyadandatheka'√√ kanti kwizitanza ezine zokuqala ichulumancile kuba incoma le ntaka kubuchule bayo isebenzisa amagama anjengala, 'Ntinga', 'tyityimba', 'amadliselo', 'baqhwab' izandla'.√√ (4)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM